**Ingxaki egadini kaMakhulu**
**IsiXhosa**

**Inqanaba 5B**

ISBN: 978-1-77981-523-1

© 2023 Ulwazi Lwethu African Languages Literacy Project

Umbhali: nguJoy Gugulethu Nkukwana
Uhlelo: nguBulelwa Galada
Imifanekiso: nguElizma Meyer
Uyilo: Rock Bottom Graphic & Design

Uhlelo lokuqala loshicilelo ku2023

Ushicilelo lwe10 9 8 7 6 5 4 3 2 1
Unyaka wama2027 2026 2025 2024 2023

Indlu kaMakhulu yayimi kufuphi nethafa. Yayinesitiya ekwakutyalwe kuso imifuno, iminqathe, iimbotyi, nezinye izityalo. Sasisithi sakuhluma senze umona nakubani ogqithayo. Kwakweli thafa kwakuhlala uMvundla owawundwebile ubawa. Oku kuhluma kwesitiya kwakubangela uMvundla ungakwazi ukuzinqanda.





USoze wayengumhlobo wenene kaMakhulu. Wawungambona erhorhozela emva koMakhulu xa enkcenkceshela.

Ukutshona kwelanga, uMakhulu egqibile ukusebenza esitiyeni, wayengena naye endlwini.  Rhoqo ebusuku uMakhulu wayefika apheke imifuno batye, balale.

Kwathi ngobunye ubusuku uMakhulu noSoze belele cum, uMvundla wachwechwa wangena esitiyeni. Esakufika esitiyeni wanyoshoza, walaqaza ejonga ukuba akabonwa kusini na. Wemba umngxuma osuka esitiyeni ukuya ethafeni.

*Uqakathe, uqakathe, udibane nekhaphetshu, utye!*

*Uqakathe, uqakathe, udibane neminqathe, utye!*

*Uqakathe, uqakathe, udibane neetapile, utye!*

*Wakonela, unyantsule, unyantsule, ugoduke uhluthi!*

Ngentsasa elandelayo uMakhulu uqaphele ukuba kukho into etye imifuno yakhe. Iminqathe neetapile zazombiwe, kanti neziqu zeembotyi zophukile. Wayengaqinisekanga ukuba ngumntu, yimfene, yinkawu kusini na eyenze le nto.

Ebusuku wavala isango lesitiya, waliqamangela ngekhonco neqhaga. Wagqiba ekubeni uSoze alale ecaleni kwendlu agade. UMakhulu yena wahlala ecaleni kwefestile ukuze ave xa kukho into engena esitiyeni.

Wahlala apho wada wabiwa bubuthongo engekeva nto.

Ngosuku olulandelayo wabona isango lisavaliwe. Yonke into iluhlobo awayeyishiye ingayo kungekho nemizila yeenyawo.

Ngesiqhelo wankcenkceshela isitiya, uSoze engumsila wakhe. Ngaloo mini balala endlwini kuba besazi ukuba isitiya sikhuselekile lucingo esasibiyelwe ngalo.





“Hayi ke Soze, ngumhlola ke lo!” Watsho kwintsasa elandelayo esakubona imifuno yakhe ityiwe kwakhona. Wajikeleza uthango lwesitiya ekhangela ukuba akukho ndawo kusikwe ucingo, kwangenwa ngayo akabona nto.  Uthe esacinga ngaleyo waqaphela ukuba kukho isikrotyana apho kudibana khona ipali nocingo. Wasondela wabona umngxuma onzulu owawungangena noSoze lo wakhe.

Wacinga engazi ukuba yintoni etya imifuno yakhe.

“Yikati okanye yinja? Hayi aziyityi imifuno ekrwada azingeni nasemingxunyeni!”

“Ingaba nguxam? Abayityi imifuno.” Wayebuza kuSoze ngoku ngathi angaphendula.

“Akunakuba ziintaka, ziyalala ebusuku.

Ingaba sisikhova, bethu? Hayi, isikhova sihlala emithini siyangxola ebusuku, kodwa asingeni emingxunyeni.”

Wathi esabhidekile enjalo kwathi qatha!

“NguMvundla! Ndiyayazi Soze! Nguye kuphela okwaziyo ukungena kulo mngxunya kwaye utya imifuno ekrwada!”

“Hawu! Hawu!” wakhonkotha uSoze.

Wacinga ukwenza icebo lokuthiyisela uMvundla. Wakhetha  iminqathe emihle wayibophelela ngentambo ende, warhintyela isiphelo sayo kumlenze kaSoze.

“USoze uzakuva ukutsaleka okuncinci kwentambo abambe uMvundla,” wacinga njalo. UMakhulu wazenzela isiselo esibandayo waphumla uSoze ethe natya egcakamele ilanga.



UMvundla wawulambe kakhulu ucinga ngeminqathe esitiyeni sikaMakhulu. Awuzange ufune ukulinda ukufika kobusuku wathubeleza kuloo mngxuma waya esitiyeni.  Wanyoshoza walaqaza wabona iminqathe emihle. Watya ngokuphanga kanti ude waluma umlenze kaSoze. USoze waxhuma wavuka wakhonkotha.  Waxhuma naye uMvundla ngumethuko wacela kwabanentsente uSoze walanda ekhondweni.

UMakhulu naye wathathisa waleqisa ngentonga yakhe. Wayehleli ezinyaweni zikaSoze, uSoze ejoja eleqa uMvundla. UMvundla wayefuna nawuphi umngxunya owawunokuzifaka kuwo, uSoze emthe mba.

Kanye ngeloo xesha wawuthi nqaku umsila wawuluma waqhawuka wasisijungqe. Ukusukela loo mini waba mfutshane umsila woMvundla.





Kunanamhla inja isayileqa imivundla xa iyibona. Imivundla yona xa ibona izinja iyabaleka.  Nangona kunjalo imivundla ayikayeki ukutya imifuno.

Uyazi xa ubona isitiya esinemifuno etyebileyo njengesikaMakhulu qiniseka imivundla ayikho kude.

Ulwazi Lwethu Readers

## Inqanaba 1

1. Izandi ezizizikhamiso
2. Izandi ezingamaqabane (b-j)
3. Izandi ezingamaqabane (k-r)
4. Izandi ezingamaqabane (s-z)
5. Vula, vala, vakala
6. Ukubala amagubu
7. Imbalela
8. Uziva njani uZazi?
9. UNunu noBobi
10. Idonki
11. Ipesika enkulu
12. UVuxa uthanda ucoceko
13. Isuphu emnandi
14. Amawele aluncedo
15. Qaphela Cokisa
16. USazi ufuna ukupeyinta
17. Ibululu esibayeni
18. UVela noVutivi
19. Iyakwazi ukubhabha

## Inqanaba 2

1. Umlilo
2. UKhabo nesigcawu
3. Ubuya nini uTata?
4. Mini emnandi Zazi
5. Amantombazana alusayo
6. Masonge amanzi
7. Iinwele ezinkulu
8. Basefama
9. Isifo seehagu
10. Usapho lwam
11. UKhosi uxakekile
12. Lina libalele
13. Ukonga uTatomkhulu
14. Ubomi bam basefama
15. Konke ngeetapile
16. Imvumi yodumo uMirriam Makeba
17. UNtombi ubhaqa isela
18. IShibhelani kaKulani

## Inqanaba 3

1. Soweto
2. Isipho esothusayo
3. Andiyithandi imifuno
4. UKhazi nombala obomvu
5. Izipho
6. Umjikelo wobomi besele
7. Uthando lwamawele
8. Umnyama kaNyansio
9. UPhumu owonwabileyo
10. Umnqweno kaLunje ufezekile
11. UMoli neekhrikethi
12. Uleqa phi Wenzile?
13. Amaqanda kaZodwa adukileyo
14. Isidudu esimnandi
15. Iinyosi
16. Ingwenya enentiyo
17. Amaxesha onyaka
18. Zinkulu kum
19. Isonka sikaNomsa
20. UMbali noBuhle

## Inqanaba 4

1. Impindezelo yenkunzi
2. Icebo elihle likaNtiyiso
3. Ibhola elahlekileyo
4. Batyelela umzi wogcino zilwanyana
5. Idyasi eguquliweyo
6. Ubuchule bukaNcinci
7. Badlala kuyo nayiphi imozulu
8. Imisebenzi yasekhaya
9. Ilokhwe entle
10. Umlimi uNtsika neenkawu
11. Amanzi ndawo yonke
12. Ubugqi bembewu
13. UPhila wonzakele
14. Isityalo esiphilisayo
15. Iindlela zabantu baseVenda
16. UQhawe uyalazi ixesha
17. Ugqirha uSooliman olungileyo
18. Amakhwenkwe akrelekrele
19. Iindlela zothutho
20. UGcina uzigcina esempilweni

## Inqanaba 5

1. Isiqalo esitsha
2. Inguqu kaNondwe
3. Intombazana ekrelekrele
4. Umsesane weXhalanga
5. Umdlali obalaseleyo
6. UThobile nezihlangu ezintsha
7. Imilambo yaseMzantsi Afrika
8. Imithi yaseMzantsi Afrika
9. Uphelelwe ngamanzi emzimbeni
10. Singcamla incasa yaseVenda
11. Utata wethu, umgcini wezilwanyana
12. Umkhuhlane
13. UNomadlakadlaka oligorha
14. Ingxaki egadini kaMakhulu
15. UStovi noStali
16. Iphupha likaSiviwe
17. Isihlangu esihle
18. UThwasa uphuthelwe
19. Ukulima
20. Ubuhlobo bokwenene
21. Umlobi

Ulwazi Lwethu yinkqubo esekwe ngenkxasomali yiZenex Foundation ukuvelisa uluhlu lweencwadi zokufunda nezinye izixhobo zokufundisa. Le nkqubo ijolise ekufundiseni nasekuxhaseni ukuphuhla kwesakhono sokufunda nokuqonda ulwimi lwasekhaya kubafundi abakumabanga aphantsi. Ezi ncwadi zihleliweyo zisungulwe ngeelwimi ezilithoba zaseMzantsi Afrika ngentsebenziswano phakathi kwamaqumrhu iMolteno Institute for Language and Literacies, iNelson Mandela Institute for Education and Rural Development, iRoom to Read South Africa neSouth African Institute for Distance Education. Zonke ezi zixhobo ziveliswe njengesibonelelo semfundo evulelekileyo nefumaneka simahla, iOpen Education Resources (OER) ngelasemzini.

Nceda undwendwele iwebhusayithi yethu ukuze ufumane ushicilelo olupheleleyo lwale ncwadi:: ***ulwazilwethu.org.za***

Creative Commons Attribution-NonCommercial-NoDerivatives (CC BY-NC-ND) 4.0 International Licence

Disclaimer: You are free to download and share this work as long as you attribute Zenex Foundation, but you may not change this work in any way or use it commercially.

ISBN: 978-1-77981-523-1